



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2018

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1

AMANQAKU: 70

IXESHA: Iiyure 2



Olu viwo lunamaphepha ali-13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)
2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
6. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.
8. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A: Imizuzu engama-50
ICANDELO B: Imizuzu engama-30
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA**UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

Funda ISICATSHULWA A, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA A**UBUGWALA**

- 1 Apha kwaXhosa kukho intetho ethi: "Kulogwala kuyahlekwa, kodwa kulokrothi kuyalilwa." Maxa wambi xa usiva le ntetho ungaze ucinge ukuba kunconywa ubugwala, kanti eyona nto yenziwayo ngale ntetho kukuzama ukubonisa ubungozi bobukhalipha obungathiwanga sa sa intwana yengqondo. Kaloku ikhona into yokuba ubone umntu eqinise imixhadi, eqine enyaleni ngokokude azigxame kumsebenzi wegazi ongaphaya kwamandla akhe ngeenjongo zokubonisa ubukhalipha bakhe angenabo. Uthi onjalo akuhlelwa yingozi okanye kukufa kuqale kuthiwe, "Kulogwala kuyahlekwa, kodwa kulokrothi kuyalilwa." Ngamanye amazwi athe gca kuthiwa bekungasayi kubakho gxoke nokuba ubecele kwabasicatyana. 5 10
- 2 Xa sibujongisisa kakuhle ubugwala siqaphela ukuba asinto umntu ayifumana apha ekukhuleni, nangona busenokuya buqandusela buzibonakalise ngeendlela ngeendlela njengokuba umntu esiya ekhula nje. Ubugwala umntu uzalwa nabo. Kambe ke kuyafuneka ukuba siwuqonde umahluko phakathi kobugwala noloyiko. Kuyenzeka ukuba athi umntu engenabugwala nje kubekho izinto ezithile azoyikayo. Kukho ukuba umntu oyike izilwanyana ezithile ezingenabungozi. Bangaphi abantu abathi beziziqwede eziziqha ziqulungeneyo boyike ikati le yakwakati, nempuku le yakwampuku? Andithethi ke ngamadoda oyika nesele eli. Noko asingetsho ukuthi bubugwala obu, singenako nokubabalela emagwaleni aba bantu. Olu loyiko maxa wambi lunako ukuchazeka intsusa nembangi yalo. Kule mihla yeenzululwazi kulula ukuba olu loyiko lunyangwe. Xa umntwana mhlawumbi enoloyiko lwezinja okanye lweekati bayakwazi abazali bakhe ukulunyanga olu loyiko ngokusuka bafuye ezi zilwanyana. Ngolo hlobo wothi lo mntwana aziqhele ezi zinto ade abone ukungabi nabungozi kwazo. Le nto ke isixelela ukuba nangona onke amagwala enoloyiko, abangomagwala bonke abanoloyiko. 15 20 25
- 3 Ubugwala bona abunyangwa, kwaye abunyangeki. Kungafanelana kude kwayiwa kulandwa eyasezizweni yona inkintsela yegqirha, kungaphela ubuhlanti kukukhupha imilandu. Elona xesha buthi buqale ngalo ukuqandusela ubugwala kuxa kanye inkwenkwe ikule ntanga yokwalusa amathole. Kanene alingecaci eli xabiso kwabanye abafundi, kuba akusekho kwamathole lawo. Iinkomo zangaba oku kwembeko. Xa sithetha ngenkwenkwe omnye wofuna ukwazi ukuba kanene ngaba ubugwala nobukhalipha zizinto zamadoda odwa na. Nakanye. Kodwa ezi zinto zizibonakalisa kakuhle apha kwaba basebuhlanti ngenxa yeengxingwa ngeengxingwa ezithi ziphunyelelwe ukuze ubudoda obu buthi do. 30 35

4	Ubugwala buthi buzibonakalise ngokuthi inkwenkwana isoloko ibonwa ikhala isiya kuxela mihla le, kungakhe kube yiyo elilisayo nexelwayo. Nangona kuyinto ebuhlungu ukubona umntwana wakho esoloko wabethwa, iye imkhathaze umzali le nto yomntwana ozibandezayo apha ekuphindiseni ngokokude umve umzali oyindoda ebuza, "Ke uth' uz' ungalwi wena kwaba kutheni? Asizongalo ezo, ngamaphiko?" Maxa wambi ungade ucinge ukuba lo mzali uthetha olu hlobo uzama ukuphemba umlilo, kanti hayi, ukhathazwa kukubona isigebenga esibubugwala sichwechwela usana lwakhe. Enye indlela obuzibonakalisa ngayo ubugwala kukuba le nkwenkwe isuke ithane mbende namantombazana, kube yinqaba ukuya kwamanye amakhwenkwe. Ide xa injalo iphiwe namaganyana ngamanye amakhwenkwe. Makabe phakathi kwala mantombazana ke unkatyana lo, asuke ajike mpela abe ngulowa wona umqhagi phakathi kwezikhukukazi.	40 45 50
5	Uza kukhula ke lo mphakathi de afikelele kwintanga yokuhamba ezindle. Njengokuba ekhula nje abumanga nabo ubugwala. Phofu ke bona buyagagaza. Phaya ezindle intliziyo kanina iyakhawuleza ukucaca. Kaloku ngoku umntu sukuba ekwinkalo yokugqibela phambi kokuba avelele laa mhlaba wakwaNdoda apho ke kudlan' iintsimbi. Isimanga kukuba lo mfo wayengafuni ukuba phakathi kwabelusi bamathole ngoku ufuna ukuya kubo. Kulapho lucaca khona olunye lweempawu zobugwala – ukuvuyelela. Wofika ke lo mngxu wenkwenkwe uphephezelisa iintshebe phakathi kwezi zithondotyana zalusa amathole. Uyathelekisa. Uyabetha. Oku kuvuyelela sisigqubuthelo esikhulu sobugwala kuba umvuyeleli yena akazilibali ezibonisa ubukhalipha ngokwenjalo.	55 60
6	Kunjani ukuzincoma kulo mntu? Amabali ezenzo zobukhalipha abuthwa ngezitya. Abantu abakha boyiswa nabanokoyiswa ngulo mhlekazi abanganganto ubuninzi. Kambe ke ukuba kunokuphandwa ubunyani bala mabali kungafumaniseka ukuba usenga nje kwezimithiyo.	65
[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'IMFINCAMFINCANE' ebhalwe ngu Z.S. Zotwana, amaphepha 14–16, saze sahlalelwa]		

- 1.1 Caphula ibinzana elibonisa ukuba apho kukho ikhalipha akonwatywanga. (Umgca 1–2) (1)
- 1.2 Ngokoluvo lombhali yintoni injongo yentetho yesiXhosa ethi, "Kulogwala kuyahlekwa, kodwa kulokroti kuyalilwa?" (Umgca 3–5) (2)
- 1.3 Kulinceda njani igwala ukuwubaleka umlo ongaphaya kwamandla alo? (2)
- 1.4 Nika intsingiselo yegama 'buqandusela' njengoko lisetyenziswe ngumbhali. (Umgca 12) (2)
- 1.5 Xela umahluko phakathi kobugwala noloyiko. (Umhlathi wesi-2) (2)
- 1.6 Kukuthini ukuphela kobuhlanti? Cacisa. (Umgca 29) (2)

- 1.7 Chonga isafobe kulo mqolo ulandelayo, wandule uxelele udidi lwaso:
'linkomo zanqaba oku kwembeko.' (Umgca 33) (2)
- 1.8 Ngqina ngokunika umzekelo apho kuthi kuphuhle ukuba nabasetyhini banabo ubukhalipha. (2)
- 1.9 Ubugwala bubonakala njani kumntwana oyinkwenkwe? (Umgca 39–40) (1)
- 1.10 Bunafuthe lini ubugwala bomntwana kumzali oyindoda? (Umgca 42) (1)
- 1.11 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi ubugwala 'buyagagaza'? (Umgca 55)
Khetha impendulo echanekileyo.
- A Buyaziveza.
B Buyacaca.
C Bukhula ngamandla.
D Buthetha kakhulu. (2)
- 1.12 Ungenza ntoni xa unokuzibona ukwimeko yokuphathwa gadalala ngulo mvuyeleli ukhankanywe kumhlathi wesi-5? (2)
- 1.13 Ingaba uyavumelana okanye awuvumelani noluvo lombhali ngegwala kumhlathi wesi-6? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

Phendula imibuzo esekwe kulo mfanekiso ungezantsi.



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.canstockphoto.com]

- 1.14 Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso ungasentla? (2)
- 1.15 Xela into ibe NYE enokubangela ukuba le ntombazana ikulo mfanekiso ibe kule meko ikuyo. (1)
- 1.16 Ucinga ukuba ingayisombulula njani imeko ekuyo le ntombazana ikulo mfanekiso? (2)
- 1.17 Kwezi zicatshulwa zibini sesiphi esona siyiphuhlisa ngokukuko injongo yombhali? Cacisa. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO****ISICATSHULWA C**

- Funda ngocoselelo esi sicutshulwa singezantsi uze ushwankathele ngamazwi akho ungacaphuli kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela**, kodwa isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezi-7. (7)
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

UKOYIKA

- 1 Umntu endalweni yakhe uyinikiwe le ndawo yokoyika okanye uvalo. Yintoni ukoyika? Yimo ethile apha emntwini emenza ukuba anxube xa ecinga ngayo, umzekelo, wonke umntu uyakoyika ukufa, ukushiya abantwana beselula, imali baza kuyifumana phi? Abantu bayayoyika intolongo apho kutshixwa ngeengcango zentsimbi.
- 2 Ukoyika kuyathanda ukuphazanyiswa nobugwala. Ukoyika kukuba woyike loo nto ithile okanye loo meko ithile, maxa wambi ude waziwe ngokoyika into ethile. Umhlobokazi wam ndiyamazi ukuba uyoyika ukunyuka ngeleli aye phezulu, akadibani nokuya kwiindawo eziphezulu.
- 3 Ubugwala bona abudibene nokoyika kuba umntu oligwala ngumntu owaziwa njengodalwe wanentaka. Kubhekiselwa ekulweni xa kusithiwa uligwala kanti ke nasekubethweni. Igwala ngumntu othi xa kufuneka ajongane notshaba lwakhe, suka acele kwabasicatyana kuba akanaso isibindi sokulwa okanye ukuziphindezela.
- 4 Abanye abantu boyika izigulo ezithile, ukugula ngezifo ezinjengoGawulayo nokugula ngengqondo. Ezinye izigulo ngathi azisuleli kodwa usuke ubone ikhaya liphela lonke sisifo esinye, uxakwe ke ukuba uthini na. Bayaphela abantu sisifo uGawulayo, loo nto akukabikho chiza limchanayo.

- 5 Kuninzi nje okoyikwayo ngumntu, omnye umntu oyike ukuboleka imali. Phofu imali yinto engaqhelekiyo ukuba ubone abantu benemali eninzi. Ubuhlobo buyaphela yimali. Abantu abaninzi bafika babe yimigewu ngenxa yemali. Yiloo nto kungelula ukuboleka imali emntwini.
- 6 Kuyacaca izinto ezoyikwa ngumntu zininzi, kodwa kuyafuneka abantu bazame ukuhlala bezilindele ezi zinto kuba siyaphila nazo. Loo nto idaliwe. Abantu bayoyika ukuhamba ebusuku, ukugaxeleka kwizigebenga nakwizithunzela. Abantwana besikolo phofu nabazali bayoyika ukutshona iimviwo. Asinto imnandi ukutshona komntwana xa ubala inkcitho.
- 7 Kulungile ukuba ikhe ibekho into eyoyikwayo ngamanye amaxesha. Kuyakruqula ukubona abantu bengoo-asikhathali kuyo yonke into. Ayiqhelekanga kuthi loo nto sizwe sakwaNtu, kuba kwasendulo bezikho izinto ezoyikwayo nabantu aboyikayo kuba bekuye kufanekiswe ukoyika nentlonelo.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'ZIPHUTHUME' ebhalwe ngu S. Sishuba no N.V. Mkonto, amaphepha 16–17, saze sahlalwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: UKUHLALUTYA INTENGISO**

Funda le ntengiso ingezantsi (ISICATSHULWA D) uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA D**KWAMAQHAWE**

Isikolo sokuzikhusela esikumgangatho ophezulu

Sinyanga ubugwala



Sitsalele umnxeba ngoku ufumane isifundo sokuqala **MAHALA**

073 605 2120
maq@gmail.com

[Sicatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com, saze sahlalwa]

- 3.1 Ijoliswe koobani le ntengiso? (1)
- 3.2 Kutheni libhalwe ngefonti enkulu igama 'kwaMaqhawe'? (1)
- 3.3 Sinika ntsingiselo ni isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana lingezantsi? (1)
- 'Isikolo sokuzikhusela ...'

- 3.4 Yintoni injongo yokuba igama 'mahala' libhalwe ngoonobumba abakhulu kule ntengiso?

'Sitsalele umnxeba ngoku ufumane isifundo sokuqala **MAHALA.**' (2)

- 3.5 Ucinga ukuba kutheni umzobi wale ntengiso esebenzise umfanekiso onentombi kunye nenkwenkwe kule ntengiso yakhe? (2)

- 3.6 Ibinzana '... esikumgangatho ophezulu' elisetyenziswe kule ntengiso libhekiselele kwi:

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:


- A Ibakala.
- B Kwindlu ephezulu.
- C Kwinqanaba eliphakamileyo.
- D Izinga. (1)

- 3.7 Sinxulumana njani isivakalisi esithi 'Sinyanga ubugwala' nomfanekiso okule ntengiso? (2)

[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**ISICATSHULWA E**

Kha ujongisise okwenzeka kule khathuni ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo.



[Icatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com, yaze yahlelwa]

- 4.1 Baphi aba bantu bakule khathuni? (1)
- 4.2 Nika isizathu sempendulo oyinike kuMBUZO 4.1 ngasentla. (2)
- 4.3 Ntsingiselo ni enikwa ligama 'Uthethile' njengoko lisetyenziswe kwiqam lesi-3? (2)
- 4.4 Sisetyenziswe njani isikhombisi esikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo esikwiqam lesi-2?
'Lo tata uneswekile' (1)
- 4.5 Ingaba kulungile ukuthatyathelwa izigqibo ngento oza kuyitya njengoko sisenza isithethi kwiqam lesi-2? Zathuza. (2)
- 4.6 Yintoni injongo yomzobi ngale khathuni? (2)

[10]

UMBULO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

Funda ISICATSHULWA F, esineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

UBUNDLOBONGELA BUMI NGEENYAWO

1	Zithi izifundo zeBhayoloji umntu lo untlantlu-mbini; ikho le ndawo ingumntu apha kuye iyeyona ikhonyayo kanti ikwakho nale isisilwanyana kwakuye ethi yona ivele ngamaxesha athile anzima. Masikhumbule ukuba ngokwenzululwazi umntu lo uyazalana nezilwanyana ntonje yena uthathwa njengesona 'silwanyana' sikumgangatho ophezulu ngenxa <u>yokuchubeka</u> kwengqondo nangenxa yobuchule nobugcisa athi abubonakalise ngokuthetha nangokwenza. Isilwanyana ke siyasazi xa sivukwe bubulwanyana baso. Akukayiboni into ungekayiboni ingonyama elambileyo isukela, ixhakamfula, iqwenga inyamakazi. Abakwalizwi bathi bona ngamampunge yonke into ezama ukuzalanisa umntu nesilwanyana kuba umntu lo wenziwa ngokomfuziselo wengelosi waza waphefumlelwa nguYehova ubuqu emathatheni akhe.	5 10
2	Namhlanje ehamba nje umntu emini nasebusuku ubomi bakhe busesichengeni ngenxa yokugunya koburhalarhume ebantwini. Behamba nje abantu bajongene ngeenkophe zamehlo kuba akukho kuthembana, ingulowo ucingela omnye ukuba angasisigwinta. Ubundlobongela obuqhubeka phandl' apha buxhomisa amehlo kunjalo nje buya bukhula endaweni yokuba buthothe. Buqala kanye apha phakathi kwekhaya butyhutyhe izikolo, iicawe, imibutho, iidolophu buye kufikelela naphakathi kwezizwe. Kumakhaya amaninzi kulawula induku, impama, inqindi nomkhono wekati.	15 20

[Sicatshulwe kwincwadi ethi '*AMAXESHA EMPUCUKO: Sisingise phi na?*' ebalwe ngu-M. Yekela, amaphepha 63–64, saze sahlelwa]

- | | | | |
|-----|--|---|-----|
| 5.1 | Luhlobo luni lwesakhi olukrwelelwe umgca ngaphantsi kwibinzana elilandelayo? | ‘ <u>Z</u> ithi izifundo zeBhayoloji umntu lo untlantlu-mbini’ (Umgca 1) | (1) |
| 5.2 | Sebenzisa igama ‘ukuchubeka’ elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi liphuhlise intsingiselo engeyiyo le ikwiscatshulwa. (Umgca 6) | | (1) |
| 5.3 | Bhala ingxelo-ntetho yesi sivakalisi silandelayo. Qala ngolu hlobo: Umbhali uthe ... | “Isilwanyana ke siyasazi xa sivukwe bubulwanyana baso.” (Umgca 7–8) | (1) |
| 5.4 | Lungisa isiphene sobhalo kweli binzana lilandelayo. | ‘Abakwalizwi bathi bona ngamampunge yonke into ...’ (Umgca 9–10) | (1) |

- 5.5 Bhala eli binzana lilandelayo libe kwixesha elidlulileyo.
'... umntu lo wenziwa ngokomfuziselo wengelosi ...' (Umgca 11) (1)
- 5.6 Lithetha ukuthini ibinzana elibhalwe ngqindilili apha ngezantsi?
'... **yokugunya koburhalarhume** ...' (Umgca 14) (2)
- 5.7 Libonakalisa ntoni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwibinzana elilandelayo?
'... ingulowo ucingela omnye ukuba angasisigwinta.' (Umgca 16) (1)
- 5.8 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo.
'Kumakhaya amaninzi kulawula induku, impama, inqindi nomkhono wekati.' (Umgca 20–21) (2)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70

